# Ngubani

## uPaliament Watch?

iParliament Watch yimbhumbha yemibutho ezimeleyo esebenza nzima ukuphuhlisa ubulungisa kwezentlalo, ukufezekisa amalungelo oluntu kunye noqinisa isisekelo sentando yabaninzi eMzantsi Afrika. Lembhubha yemibutho iquka iDullar Omar Institute yase Univesithi yasenTshona Koloni (DOI), Equal Education Law Centre (EELC), Livity Africa (LA) Parlimentary Monitoring Group (PMG), Public Service Accountability Monitor (PSAM), The Right to know campaign (R2K), Social Justice Coalition (SIC) kunye ne Women on Farms Project.

# Kutheni

## lubalulekile oluxwebhu lwemigaqo?

iNdlu yoWiso mthetho yeSizwe izoqwalasela isindululo sokuphela kwethemba kuMongameli. Inkundla Yomgaqo-Siseko iceliwe ukuba inyanzele ibhalothi efihlakeleyo. Kwelinye icala, inkundla yomGaqo- Siseko iceliwe ukuba ilawule phezu kwe impeachment kaMongameli. Apha gezantsi kukho isishwankathelo esifutshane esichaza ukuba UmGaqo-Siseko uthini ngosuso lukaMongameli e-ofisini.

# NgoLwazi

## oluphangaleleyo


**Ms Samantha Waterhouse** (Dullah Omar Institute) swaterhouse@uwc.ac.za

**Ms Gaile Fullard** (Parliamentary Monitoring Group) info@pmg.org.za

**Ms Zukiswa Kota** (Public Service Accountability Monitor) z.kota@ru.ac.za

**Prof. Jaap de Visser** (Dullah Omar Institute) jdevisser@uwc.ac.za


EPALAMENTE WATCH

# uxwebhu

## LWEMIGAQO

## YOKUSUSWA

# KUKAMONGAMELI

# uMongameli **wonyulwa** njani?

Umongameli wonyulwa yiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe nge bhalothi efihlakeleyo.

# UMongameli ususwa **njani** esikhundleni sakhe okanye e-ofisini?

Kukho ezintathu:

| | *Impeachment* | *Isindululo sokuphela kokuthenjwa* | *Ukuba azihlele esikhundleni* |
|---|---|---|---|
| **Njani?** | iNdlu yoWiso mthetho yeSizwe ithatha isisobumbululo sokususa uMongameli e-ofisini. | iNdlu yoWiso mthetho yeSizwe igqithisa isindululo sokuphela kokuthenjwa kukaMongameli. Emveni koko kuye kunyanzeleke ukuba uMongameli azehlele esikhundleni. | UMongameli uxelela uSomlomo weNdlu yoWiso mthetho ngokurhoxa kwakhe esikhundleni soba guMongameli welizwe. |
| **Ngaphantsi kweziphi izizathu?** | Ukophulwa komGaqo-siseko okanye komthetho<br>Ukuziphatha kakubi kakhulu,<br>Ukungakwazi ukwenza imisebenzi yesikhundla. | iNdlu yowiso mthetho ayisena themba kuMongameli. (Sisinqumo sepolitiki) | Isinqumo sepolitiki/isinqumo somntu |
| **Elicala Likwi nKundla YomGaqo siseko limalunga ne impeachment lingatoni kanye kanye?** | EFF, UDM & COPE iye yacela iNkundla yoMgaqo-siseko ukuba iyalele uSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ukuba aqalise inkqubo yo-impitsha uMongameli.<br>Isicelo sabo sisukela kwisigwebo seNkandla leyo yathi ukuba "wasilela uwuxhasa, uwukhusela kunye nokuwuhlonela umGaqo-siseko". | ayingeni | ayingeni |
| **Ngamthetho mni wesininzi?** | Sisininzi sesibini esithathwini — 1/3 1/3 | nje isininzi — 50% +1 | ayingeni |
| **Zivoti ezingaphi ezo?** | Amakhulu amabini anamashumi amathandathu anesixhenxe. — 267 iivotes | Amakhulu amabini ananye evoti — 201 iivotes | ayingeni |
| **Kwenzeka ntoni kwamanye amalungu ekhabhinethi?** | Bayahlala e-ofisini. | Bonke abaPhathiswa kunye nooSekela-baPhathiswa kuyanyanzeleka ukuba baphume ezi ofisini. | Bonke abaPhathiswa kunye nooSekela-baPhathiswa kuyanyanzeleka ukuba baphume ezi ofisini. |
| **Ingaba uMongameli uyazifuman iinzuzo** (ipenshini, ukhuseleko) **emva kophuma e-ofisini?** | Akafumani zinzuzo | Uyazifumana inzuzo | Uyazifumana inzuzo |
| **Ngubani oye athathe intambo?** | Ngusekela Mongameli | NguSomlomo weNdlu yoWiso mthetho kude iNdlu yoWiso mthetho ikhethe elinye ilungu. | Ngusekela Mongameli |

## Isikhundla sigcwaliswa jani?

Kwiintsuku ezingama-shumi amathathu, iJaji eyiNtloko yona yongamela unyulo lukaMongameli omtsha.

## Ingaba amalungu ePalamente ayakwazi ukuvota nangeyiphi na indlela afuna gayo?

Umthetho akawanyanzeli amalungu ePalamente ukuba avote ngendlela ethile. Kodwa umkhuba ogqwesileyo gowokuba amalungu ePalamente aye avotele isigqibo esivunywe zinkokheli zombutho. Kukho inxalabo yokuba izigqibo zombutho kwimeko ethile zingohluka kwimbono zabamelweyo.

Ukuba iivoti yelungu lePalamente liyachasana nomgca wepati, Umbutho kungenzeka alohlwaye elo lungu. Lonto ithetha ukuthi elo lungu kungenzeka lisuswe ePalamente, indawo yalo ithathwe lelinye ilungu lombutho.

Oku kwahluka xakuthe 1) akwabikho umgca wombutho. Isizathu sesokuba xa umbutho uvumela amalungu ayo ase Palamente avote gonembeza okanye inkolelo zabo 2) Okanye ivoti yenziwe ibeyinfihlo ukwenzela iinkokheli zombutho zingazuyazi ukuba ilungu galinye livote jani.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

## Ingaba uvoto lokunyula uMongameli lwenziwa gebhalothi efihlakeleyo?

Ewe, uMongameli wonyulwa gebhalothi efihlakeleyo.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

## Ingaba uvotela isindululo sokuphela kokuthenjwa okanye isigqibo soku impitsha kwenzeka kwibhalothi efihlakeleyo?

Hayi, imithetho yePalamente ayithethinto gobanjwa uvoto olufihlakeleyo kwisindululo sokuphela kwethembha okanye kwisigqibo soku impitsha. Ngoko ke oku kwenziwa gevoti engafihlakalanga.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

## Ingaba lo mthetho wakhe wacelelwe umgeni gaphambili?

Ewe, ngo-2015, I AGANG SA, COPE kunye neUDM yacela iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Koloni ichaze ukuba ukuswasa koMongameli esikhundleni sakhe kufuneka kwenziwe ge bhalothi efihlakeleyo. iNkundla ePhakamileyo yathi ukubana ayinawo amandla wokuxelela iPalamente indlela ekufuneka ilungise gayo iinkqubo yokuvota, yiPalamente ngokwayo ekufuneka ithathe esosigqibo.

Phakathi kobuyekezwa kwemithetho yasePalamente gonyaka ka 2015/2016, imibutho ethile yahlomla gelithi imithetho yasePalamente mayichaze ukuthi isindululo sophela kwethemba kuMongameli sivotelwe gebhalothi efihlakeleyo (jonga isiphakamiso se EFF). Oku zange kwamkelwe gumbutho omkhulu ePalamente.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

## Ingaba kungenzeka ngokusemthethweni ukuba ibhalothi efihlakeleyo yenzeke ngomhla?

Ewe, uSomlomo weNdlu yoWiso mthetho unalo igunya lokuvumela ibhalothi iqhutywe gokufihlakeleyo. iNdlu yoWiso mthetho ngokwayo ingayivumela ibhalothi iqhutywe gokufihlakeleyo. Ilungu le Palamente nalo lingezisa isindululo esixhasa isigqibo sokuqhuba ibhalothi efihlakeleyo. Ukuze eso sindululo sigqithiswe, kufuneka inkxaso yesininzi esithile seNdlu yoWiso mthetho.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

## Elicala Likwi Kundla YomGaqo siseko limalunga ne 'bhalothi yemfihlo' lingatoni kanye kanye?

Ngomhla we-11 Apreli 2017, i-UDM yabuza iNkundla yoMgaqo-siseko ukuba inyanzele iPalamente ukuba ibambe inkqubo efihlakeleyo yebhalothi kwi sindululo sokuphela kokuthenjwa. I-UDM ithi ukusongelwa kwama lungu ePalamente ukuba angavoti gendlela afuna gayo alukho semgceni nentando yesininzi.

*Ukuba azihlele esikhundleni:* ayingeni

**Ngaphandle KwePalamente** zikhona ezinye inkqubo nemigaqo gaphakathi kombutho we **ANC** enothi isetyenziswe ***ukususa* uMongameli,** jengokuba kwenziwa goku kwakususwa **uMongameli Thabo Mbeki** esikhundleni sakhe soba nguMongameli **Welizwe**.